

UMama uNtaka wazalela iqanda kwindlwane yakhe. Wahlala phezu kwalo walifukama ukuze aligcine lishushu.



UMama uNtaka waziva elambile. Wabhabha wemka waya kukhangela into etyiwayo. UNtshontshwana waqandusela. Wayefuna ukukhangela umama wakhe.



T2_1 Are you my mother?_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:08



“Nkomo, ingaba ungumama wam wena?” wabuza uNtshontshwana. “Hayi, kodwa ndingakunika ubisi,” yatsho inkomo. “Hayi enkosi, kufuneka ndihambe.”



“Bhokhwe ingaba ungumama wam wena?” wabuza uNtshontshwana. “Hayi, kodwa yiza uze kutya nam ingca emnandi,” yatsho ibhokhwe. “Hayi enkosi, kufuneka ndihambe.”



T2_1 Are you my mother?_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:08



Umakhulu wamfumana uNtshontshwana waze wambeka kwindlwane ukuze alinde uMama uNtaka.



T2_1 Are you my mother?_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:08



UMama uNtaka wabhabha wabuyela kwindlwane ephethe umnyiki otyebileyo. UNtshontshwana wavuya akumbona umama wakhe.



T2_1 Are you my mother?_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:08

